



Inombolo yefayili: 26/6/6/P
Isalathiso: 20240112-770

ISetyhula: 0006/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente eNtshona Koloni

Isishwankathelo esifutshane: *Ukwaziswa kweMigaqo yeeNkqubo zoKumiselwa nokoNyulwa kwamaBhunga oLawulo kwizikolo zikawonkewonke (Procedures for the Election and Establishment of Governing Bodies at Public Schools Regulations), 2024, ukulungiselela unyulo lwamabhunga olawulo.*

ISihloko: Ukwaziswa kweMigaqo yeeNkqubo zoKumiselwa nokoNyulwa kwamaBhunga oLawulo kwizikolo zikawonkewonke, 2024, ukungiselela unyulo lwamabhunga olawulo ngo-2024

- Le setyhula yazisa zonke izikolo zikarhulumente eNtshona Koloni ukuba iMigaqo yeeNkqubo zoKumiselwa nokoNyulwa kwamaBhunga oLawulo kwizikolo zikawonkewonke, 2021, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente 8398 ye-12 Matshi 2021, itshitshisiwe yaye indawo yayo ithathwe yiMigaqo yeeNkqubo zoKumiselwa nokoNyulwa kwamaBhunga oLawulo kwizikolo zikawonkewonke, 2024, njengoko ipapashwe kwi-Gazette Extraordinary No. 8879 ye-07 Februwari 2024.
- Kucelwa izikolo ukuba ziqalise ukulungiselela unyulo ngokuqinisekisa ukuba onke amaxwebhu achaphazelekayo acwangciswe ngendlela eyiyo yaye akulungele ukuba aqithiselwe kumabhunga olawulo asanda kunyulwa ngo-2024.
- Kucelwa nazise ngokuqulethwe kule setyhula, kwimigaqo eqhotyoshelweyo nayiphamflethi eneenkcukacha ngonyulo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni, bonke abasebenzi namalungu amabhunga olawulo achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-03-01